basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-15.

SIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/ukuxhasa/ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/ukuxhasa/ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kungokuba wayexoxa ityala lokuduka ngobusuku bangoMgqibelo weveki egqithileyo.√ (1)

1.1.2 Kukugqwesa kuloo nto ayenzayo.√√ (2)

1.1.3 Ngowokuba uMpumelelo afunde ukuze agcine ubutyebi bakwaNtsibande√√/ ivenkile ingaze ife√√/ angaze amlahle uNomakhwezi.√√
[Nayiphi kwezi.] (2)

1.1.4 (a) Ingabula zigcawu.√
(b) Uvuthondaba.√ (2)

1.1.5 UMpumelelo ngokwesicatshulwa ugula ngengqondo nangomphefumlo kanti ekupheleni kwebali nguye onyanga abantu abagula ngengqondo.√√ (2)

1.1.6 Sisiganeko sokugula kwakhe sisifo sengqondo.√√ (2)

1.1.7 Lixesha lokhanyo.√ (1)

1.1.8 Sifanelekile kuba amashishini akhula √√/wadlala indima yobuzali kuMpumelelo akuswelekelwa ngabazali.√√ (2)

1.1.9 Ukwazile ukugqwetha ingqondo kaNomakhwezi de wafa√√/ukwazile ukuthenga ootsotsi bokuqhekeza ivenkile yakwaNtsibande.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.10 Ngowokuba umntu uyakwazi ukuthubeleza phakathi kwamagingxigingxi obomi ukuya empumelelweni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 ESkotlani.√ (1)

1.2.2 Eyokuba izihlobo zaye zifika ngokufika ngobuninzi.√√ (2)

1.2.3 Umoya wolonwabo.√ (1)

1.2.4 (a) C√/C ukhulisa uMpumelelo√/ukhulisa uMpumelelo.√
(b) D√/D ugxa kaLungile emsebenzini√/ugxa kaLungile emsenbezini.√
(c) A√/A usomashishini√/usomashishini.√
(d**)** B√/B ulwa nosapho lukaNtsibande√/ulwa nosapho lukaNtsibande.√ (4)

1.2.5 Yinoveli engentlalo√ kuba sixelelwa ngendlela uMpumelelo asokoliswa ngayo nguNozililo ngenxa yebango lomhlaba.√√ (3)

1.2.6 Sisimntwiso.√ (1)

1.2.7 Lelokumkhuthaza ekukhuleni kwabo√, wayinkosikazi yakhe engumcebisi nomxhasi wakhe√ basebenza kunye kuphuhliso loluntu.√ (3)

1.2.8 Ukuba abantu abadala bayakwazi ukukufaka engxakini ngenxa yezilandu zabo nabazali bakho√√/ungabokuthemba bonke abantu abadala.√√ (2)
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] **[35]**

UMBUZO 2

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

ISICATSHULWA C

2.1	2.1.1	Wayeneenjongo zophando.√	(1)
	2.1.2	Ndikhe andakuva ukuba uthini.√√	(2)
	2.1.3	Ngowokuba ibe yindawo apho abantu bahlaziya khona iingqondo.√√	(2)
	2.1.4	(a) Uvuthondaba.√ (b) Ingabula zigcawu.√	(2)
	2.1.5	ULinda usentlungwini yokuvalelwa ejele ngesityholo sokubulala uEddie noLulama kanti ekupheleni kwencwadi ungokhululekileyo kuba bayafumaneka abona babulali bakaEddie noLulama.√√	(2)
	2.1.6	Sisiganeko sokufunyaniswa kooThembisa abangamalungu aphambili eMoonglow Night Club ukuba kuthe kanti banesandla ekufeni kukaEddie noLulama.√√	(2)
	2.1.7	Lixesha lokhanyo.√	(1)
	2.1.8	Sifanelekile kuba kulapho wafumana khona ulwazi nge*Tape Recorder* eyaba luncedo ekukhululeni uLinda ze kuvalelwe abona babulali bakaEddie.√√	(2)
	2.1.9	Sesokubhidisa uphando lukaHlobo ngokuya eofisini kaHlobo ezenza usizana olungumakazi kaEddie obesele enoEddie kuphela ebomini bakhe.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]	(2)
	2.1.10	Akukho nto ifihlakala kude kuphele√√/ingalo yomthetho inde.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]	(2)

ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 Kusevenkileni yempahla zamabhinqa *iFemina House*.√ (1)

2.2.2 Eyokuba uqinisekisa ukuba indlela athethe ngayo kweli nenekazi levenkile ayithandabuzeki.√√/ Eyokuba ukugquka kwakhe umkhondo kufumene indawo kwingqondo yenenekazi.√√ (2)

2.2.3 Umoya wenkxalabo.√ (1)

2.2.4 (a) D√/D Ipolisa ekwafikela kulo ityala lokufa kukaEddie√/ipolisa ekwafikela kulo ityala lokufa kukaEddie.√
(b) C√/C Isithandwa sesibini sikaEddie√/isithandwa sesibini sikaEddie.√
(c) A√/A Isicaka sikaLinda esithembekileyo√/isicaka sikaLinda esithembekileyo.√
(d) E√/E unobhala kaHlobo√ unobhala kaHlobo√ (4)

2.2.5 Yinoveli engophando√ kuba kuzanywa ukufumana umbulali kwisiganeko sokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√√ (3)

2.2.6 Sisifaniso√/sisaci.√ (1)

2.2.7 Umnike iinkcukacha ze*Tape Recorder* awayeyiboleke uEddie esaphila√ yabe iqulethe incoko kaEddie buqu exoxiswa ngamalungu ase*Moonglow*√, eyanika ubungqina obuphele leyo bokubulawa kukaEddie.√ (3)

2.2.8 Sifundiswa ukuba umntu uyakwazi ukuthi ngoku yena athanda umntu othile ngokwenene nangenyaniso kanti kukho abantu abambekela izabatha zokuthi avele engumbulali walo mntu wakhe√√/sifunda umonde awenze ngokulinda elulamele ukuba kude kufikelelwe ekufunyanweni koyena mbulali kaEddie noLulama.√√ (2)
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] **[35]**

UMBUZO 3: *UMONWABISI* – Zama Japhta

ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Kungenxa yokuba unina owayengumphambuki kwaThandabantu waswelekela khona embeleka.√ (1)

3.1.2 Babemxhaphaza besazi ukuba unina ungakwicala labo.√√ (2)

3.1.3 Ngowokuba zibe ngabantu abaphucuke ngaphezu kwabo bonke abanye abantwana abakhule nabo. √√ (2)

3.1.4. (a) Ukujiya kwezinto.√
(b) Ingabula-zigcawu.√ (2)

3.1.5 Ngokwesi sicatshulwa uMonwabisi uphethwe njengesicaka kwaThandabantu kodwa ekupheleni kwencwadi uMonwabisi ungumphathi wamashishini akwaThandabantu.√√ (2)

3.1.6 Sesokulawula kukaMonwabisi amashishini kaThandabantu.√√ (2)

3.1.7 Lixesha lokhanyo.√ (1)

3.1.8 Sifanelekile, kuba wayengenandawo yimbi awayenokumsa kuyo emnika ithuba lokuxhamla ubomi obungcono ekuthe kanti uyazinceda kuba ugqibele eluncedo kuye.√√ (2)

3.1.9 Sesokumkhetha ngempumelelo uMonwabisi amphathe njengesicaka uThandabantu engaqondanga.√√ (2)

3.1.10 Ngowokusengela phantsi umkhwa wokubukula umntwana ongengowesizalo sakho.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 YiNtshiqo.√ (1)

3.2.2 Waguquka akabathanda abantu ngoku.√√ (2)

3.2.3 Umoya wentiyo.√ (1)

3.2.4 (a) D√/D isimumu esafikela evenkileni eNtshiqo√/isimumu esafikela evenkileni eNtshiqo.√
(b) C√/C intombi kasomashishini odumileyo wakuTsolo√/ intombi kasomashishini odumileyo wakuTsolo.√
(c) A√/A igqwetha elingumcebisi wakwaSihlunu√/igqwetha elingumcebisi wakwaSihlunu.√
(d) B√/B usomashishini odumileyo wakuTsolo√/usomashishini odumileyo wakuTsolo.√ (4)

3.2.5 Yeyemiba engentlalo yoluntu√ kuba isithethe sokukhulisa umntwana ongengowakho luxanduva loluntu.√√ (3)

3.2.6 Sisifaniso.√ (1)

3.2.7 Lelokumthatha amkhulise akuba eswelekelwe ngunina√ amnike uthando kunye nendawo apho athe wafumana ukuphatheka kakubi√ wanikwa izakhono ezimenze wanikwa igunya lokulawula amashishini akwaThandabantu.√ (3)

3.2.8 Sifundiswa ukuba ukungamphathi njengabakho abantwana umntwana ongamzelanga akulunganga kuba kungenzeka ukuba uya kuba luncedo kuwe ngenye imini.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO a: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

4.1 ISICATSHULWA G

4.1.1 Kungenxa yokubizelwa amatyala kaNdila ngesityholo sokunxila emsebenzini.√ (1)

4.1.2 Ndibusela kakhulu utywala.√√ (2)

4.1.3 Ngowokuba afumane isikhundla sobunqununu.√√ (2)

4.1.4 (a) Ukujiya kwezinto.√
(b) Uvuthondaba.√ (2)

4.1.5 ULoni ekuqaleni kwencwadi ngulo unesidima uyinqununu yesikolo ehloniphekileyo ukanti lo usekupheleni komdlalo ulinxila elilahlekelwe nasisidima.√√ (2)

4.1.6 KwesokujongaNa kukaLoni namalungu ekomiti ngesenzo esifana nesi sikaNdila.√√ (2)

4.1.7 Lixesha lokhanyo.√ (1)

4.1.8 Sifanelekile, kuba uFuneka ebengazimiselanga ukusiphoxa isithandwa sakhe.√√ (2)

4.1.9 Sesokuthiyisela uMawonga ade azibone sele engaphandle komsebenzi elinxila.√√ (2)

4.1.10 Impindezelo ayisiso isisombululo kwingxaki onayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2 ISICATSHULWA H

4.2.1 KwaFuneka.√ (1)

4.2.2 Yokuba abacengi bathetha phandle.√√ (2)

4.2.3 Umoya wenkxalabo.√ (1)

4.2.4 (a) C√/Cinkosikazi kaLoni√/inkosikazi kaLoni.√
(b) D√/D umhlobokazi kaFuneka√/umhlobokazi kaFuneka.√
(c) A√/A ummelwane kaFuneka/ummelwane kaFuneka.√
(d) B√/B utitshala othanda izikhundla√/utitshala othanda izikhundla.√ (4)

4.2.5 Yintlekele√ kuba iphela ngokufa kwabalinganiswa.√√ (3)

4.2.6 Luchasaniso.√ (1)

4.2.7 Uququzelele ukuthiyisela uMawonga ngokwenza itheko√ apho amdibanise khona noZanele bathandana√ kwazaliseka impindezelo kaNdila njengoko bebecebile.√ (3)

4.2.8 Ukuba ungabokumthemba umntu xa usengxakini.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – Madoda Mlokoti

5.1 ISICATSHULWA I

5.1.1 Waqhathwa nguNoyongo owamthembisa ngobomi obubhetele azakubuphila xa esebenza kwaNyoka.√ (1)

5.1.2 Mawuqwalaselwe kakuhle√√/mawujongwe banzi umba lowo.√√ (2)

5.1.3 Ngowokuba uDina abe ngumzekelo kuBantubonke noMzoxolo.√√ (2)

5.1.4 (a) Kwisiphelo.√
(b) Kwingabula-zigcawu.√ (2)

5.1.5 Kwisicatshulwa uDina uchazwa njengomntu okhotyozwe ziziyobisi awafakwa kuzo kwaNyoka, angasakwaziyo ukuhlala ngaphandle kwazo kanti ekugqibeleni ungumkhululi wabo bakwimeko efana nawayekuyo ngokubambisa uNyoka.√√ (2)

5.1.6 Sesokubanjwa kukaThambolenyoka agwetywe kuba kuthe kanti unayo ingxaki awayengazazi ukuba unayo ngalaa mini.√√ (2)

5.1.7 Lixesha lokhanyo.√ (1)

5.1.8 Asifanelekanga kuba uDina wafumana ithuba lokuveza amanyundululu kaThambolenyoka wade wambambisa.√√ (2)

5.1.9 Sesokusebenzisa isinxibo esimnyama kunye neendondo ukuzifihla nto leyo ibangele ukuba uThambolenyoka nabasebenzi bakhe baqonde mva ukuba nguye√√/ uDina wabangela ukuba izikrelemnqa ezazithengwe nguThambolenyoka ukuba zimbulale ziwe nemoto zenzakale√√/uDina uzibandakanya kwicebo lokukhohlisa uThabolenyoka ngokwenza ngathi abasebenzi bakhe bayabulawa ukuze abanjwe.√√
[Nasiphi na esinye.] (2)

5.1.10 Ukulahleka kwexabiso lobuntu ngenxa yokukhonza imali.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2 **ISICATSHULWA J**

5.2.1 Esikhululweni samapolisa √/eofisini kaGxalaba. √ (1)

5.2.2 Unika intsingiselo yokuba uNoyongo akakholelwa ukuba nguThambolenyoka obulele aba bantu njengoko uThambolenyoka ebetyhola intombazana enxiba iimpahla ezimnyama.√√ (2)

5.2.3 Umoya wenkxalabo.√ (1)

5.2.4 (a) C√/C Umxolelanisi wasemaTolweni√/
umxolelanisi wasemaTolweni.√
(b) D√/D Umsebenzi wasehotele.√/umsebenzi wasehotele. √
(c) E√/Umcuphi waseNgcobo√/umcuphi waseNgcobo.√
(d) B√/B Umfundi okrelekrele√/umfundi okrelekrele.√ (4)

5.2.5 Ngumdlalo oyintlekele- siyoliso√ kuba nangona kukho ukufa, kukufa kwasemoyeni kuphela okubuye kwazisa ukonwaba ngokukhululeka kukaDina obefe ngokwasemoyeni waze wonwaba akubanjwa uThambolenyoka.√√ (3)

5.2.6 Sisaci.√ (1)

5.2.7 Wenze ubuchule bokufunda imeko yakwaNyoka√, wacebisa imigibe yokuthiyisela uNyoka√,wangomnye wamangqina akhokelele ekubanjweni kukaNyoka.√ (3)

5.2.8 Iindlela zokuphinda ubuqokelele ubomi bakho xa ubuthe wangena ezingxakini. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa

6.1 **'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA'**

ISICATSHULWA K

6.1.1 Wayezelwe sele kuncanyiwe.√ (1)

6.1.2 Izihlangu zakhe zaziguge kakhulu. √√ (2)

6.1.3 Ngowokuba athathise apho uyise wayeyeke khona ajonge ikhaya, abelulutho naselalini.√√ (2)

6.1.4 (a) Inqanaba lovuthondaba.√
(b) Inqanaba lengabula zigcawu.√ (2)

6.1.5 UFanabekho wayehambe kowabo eyinkwenkwana ecocekileyo efundayo kanti xa ebuya ufika sele edlakazela emdaka enuka kakubi ngenxa yokungahlambi.√√ (2)

6.1.6 Sisimo sokungafuni kubaluncedo nganto ekhayeni lakhe naselalini.√√ (2)

6.1.7 Lixesha lokhanyo.√ (1)

6.1.8 Sifanelekile, kuba uFanabekho ngunyana wakhe, kwaye bekukudala esenza amacebo okuba makabuyele ekhaya.√√ (2)

6.1.9 Sesokubuyela esikolweni sabantu abadala. √√ (2)

6.1.10 Iminqweno abazali abanayo ngabantwana babo ayisoloko ifezekiswa.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

6.2 **'UMGUMNTU ONJANI LO?**

ISICATSHULWA L

6.2.1 KukwaManduleli.√ (1)

6.2.2 Eyokuba umfundisi akamazi lo mntu aze kumngcwaba.√√ (2)

6.2.3 Umoya wenkxalabo. √ (1)

6.2.4 (a) C√/C Ukhokela umngcwabo√/ukhokela umngcwabo.√

(b) A √/A Oyena mzili uphambili√/oyena mzili uphambili.√

(c) D √/D Isimo sakhe asiqondakali√/isimo sakhe asiqondakali.√

(d) B √/B Uchazela abantu ngokungabikho ntweni komfi lo√/ uchazela abantu ngokungabikho ntweni komfi lo.√ (4)

6.2.5 Libali elingentlalo yoluntu√ kuba lingokungakwazi ukuthatha uxanduva ngezenzo zakho neziphumo zoko.√√ (3)

6.2.6 Sisifaniso√/sisaci. √ (1)

6.2.7 Kukufumaneka kwakhe√ukuza nesiqinisekiso somtshato√, usombulule ityala lokuxhuthana ngesidumbu watsho wangcwatywa uManduleli.√ (3)

6.2.8 Ukuba umntu ufanele ukuthatha uxanduva ngobomi bakhe angenzi ngokungakhathali kuba oko kwenza ukuba kubekho imini eyingxaki njengale yomngcwabo kaManduleli.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – Sibongile Maputi nabanye

7.1 **'INDODA YOKWENENE' – KN Manciya**

7.1.1 Yisonethi√ kuba inemiqolo eli-14.√ (2)

7.1.2 Kudala isingqi√√/kudala isantya esikuwo umbongo √√/kudala undindwano.√√ (2)

7.1.3 Ihlonela inkosi yayo√/ihlonela usapho lwayo.√

[Nayiphi kwezi.] (1)

7.1.4 (a) C √/C Imvano siphelo√/imvano siphelo.√
(b) A √/A Imfano-zandi√/imfano-zandi.√ (2)

7.1.5 Yokuba phezu kwezi zinto zintle izenzayo ide igqibezele ukuthanda nomfazi wayo√√/iyagqwesa ngokuhlonela ikhaya layo ide igqibelele ngokuthanda inkosikazi yayo.√√
[Nayiphi kwezi.] (2)

7.1.6 Ngoweliso √ kuba imizwa echukumisekayo yeyokubona. √ (2)

7.1.7 Yingcinga ebethelelekileyo ngokwesini.√√ (2)

7.1.8 Le ndoda ayithethi kakhulu kwaye ayithabatheki lula.√√ (2)

7.1.9 Kukuthanda abantu basetyhini/ababhinqileyo.√√ (2)

7.2 **'IDYUNIVESITHI IFORTHARE' – S Maputi**

7.2.1 Isikweko.√ (1)

7.2.2 Yokuba nokuba kungavela iingxaki ezingakanani yona imi imi ayishukumi kumsebenzi wayo.√√ (2)

7.2.3 Yokuba bathetha isiNgesi kakhulu.√ (1)

7.2.4 Isityhilela ukuba le dyunivesithi ngalo lonke ixesha ilungele ukondla abantu ngokwasengqondweni.√√ (2)

7.2.5 Ukungagungqi kwayo kumsebenzi wayo nokuxhomekeka kwabantu kuyo ukuze isizwe somelele.√√ (2)

7.2.6 Ibakhupha kwindlala√ nokungazi. √ (2)

7.2.7 Isitanza sesi-3 sinemiqolo emine ukanti esesi-4 sinemiqolo emihlanu.√√ (2)

7.2.8 Iinkokheli zeAfrika√ kunye nabaphambukeli.√ (2)

7.2.9 Ibhekisa kwidyunivesithi yaseFort Hare√ kuba lo mntu wesibini sibhekisa kuye esi sitanza kuthe kanti yintsika yeDike ebekuthethwa ngayo kwizitanza ezidlulileyo.√ (2)

7.2.10 Ngowokuba mayithathelwe ingqalelo le dyunivesithi kuba inegalelo lokuxonxa iinkokeli zeAfrika iphela.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70